higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 3

(4101233)

15 Novemba 2018 (Y-Paper)
13:00–15:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali-13.

NCV

IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 150

IMIYALELO KUBAFUNDI

1. Phendula YONKE imibuzo.
2. Funda yonke imibuzo ngocoselelo.
3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
4. Phendula ngolwimi ovavanywa ngalo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

ISICATSHULWA A

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UBUNDLOBONGELA BUMI NGEENYAWO

1. Zithi izifundo zebhayoloji umntu untlantlu-mbini; ikho le ndawo ingumntu apha kuye iyeyona ikhonyayo kanti ikwakho nale isisilwanyana kwakuye apha ethi yona ivele ngamaxesha athile anzima. Masikhumbule ukuba ngokwenzululwazi umntu lo uyazalana nezilwanyana nto nje yena uthathwa njengesona silwanyana sikumgangatho ophezulu ngenxa yokuchubeka kwengqondo nangenxa yobuchule nobugcisa athi abubonakalise ngokuthetha nangokwenza. Akukayiboni into ungekayiboni inkunzi yengonyama elambileyo isukela, ixhakamfula, iqwenga inyamakazi. Umasikizi loo mbono uhambisa umzimba. AbakwaLizwi bathi bona ngamampunge yonke into ezama ukuzalanisa umntu nesilwanyana kuba umntu lo wenziwa ngokomfuziselo wengelosi waza waphefumlelwa nguYehova ubuqu emathatheni akhe.

2. Ingaba wena leliphi elona cala likukholisayo likho elenzululwazi likho nelakwaLizwi? Nokuba ukhetha eliphi na icala kukho iinyaniso ezingenakukhanyelwa kuba ubungqina bazo sibubona mihla le apha kuthi buqu nakwabanye abantu. Ubokuze uqwalasele ukutshintsha kobuso bomntu obekade encumile okanye ehleka xa athe ngempazamo wagilwa okanye wanyathelwa ngomnye. Uzukhe wena buqu xa usemsindweni kukho into ekucaphukisileyo uye kuma phambi kwesipili uzibone ukuba unjani na. Umntu angade abe uyafana nengelosi ngokomfuziselo kodwa xa kukho into ethe yamphath' emanyeni uyatshintsha abe yenye into engafaniyo kwaphela nengelosi. Lilonke, singatsho ukuthi – ukuba siyavumelana phofu – nokuba umntu selelunge kangakanani na unalo isuntswana apha kuye elimenza ukuba angahluki kakhulu esilwanyaneni.

3. Namhlanje ehamba nje umntu emini nasebusuku ubomi bakhe busesichengeni ngenxa yokugunya noburhalarhume ebantwini. Ubundlobongela obuqhubeka phandl' apha buxhomisa amehlo kunjalo nje buya bukhula endaweni yokuba buthothe. Buqala kanye apha phakathi kwekhaya butyhutyhe izikolo, iicawa, imidlalo, imibutho, iidolophu buyokufikelela naphakathi kwezizwe. Liphakamile inani labantu abanobubhovubhovu namhlanje abaphelelwa bubuntu, bububele naluxolo ngopewula. Kumakhaya amaninzi kulawula induku**,** imvubu, impama, inqindi, isihlangu kanti nomkhono wekati ungxamele ukuba yinto ngobunto. Uthi uzidlulela ngendlela uve izityholo, iintsongelo, izithuko, izithonga kuze emva koko kulandlele izijwili. Kuye kuleqwane kuphunywe endlwini naseyadini imisindo isephezulu, yeka ke ukuswantsulisana.

4. Ezikolweni ubundlobongela kungoku nje sebuphantse bayinto yemihla ngemihla. Bukho emagumbini okufundela phakathi kanti nangaphandle kwawo apha eyadini yesikolo. Abafundi balwa bodwa benzakalisane kulamle ootitshala. Ootitshala nabo bakhe baxabane kube nzima kufuneke ukuba aze kulamla utitshala omkhulu. Umfundi uyakwazi ukuphendulana notitshala, banyukelane, bagragramelane, bade ngelinye ixesha babambane. Kuye kufuneke ukuba abanye abafundi balamle okanye baye kubiza abanye ootitshala baze kulamla.

5. Ingaba obu bundlobongela bungaka sibubonayo okanye sibuvayo kweli xesha siphila kulo bubangelwa yintoni na? Icacile into yokuba asinakuba sinye isizathu esinokubangela le meko, ndaweni yoko zingaluthotho. Kucingeleka ukuba esona sizathu siphambili esenza ukuba abantu bavukwe bubungonyama liphango elibangelwa kukunqaba kwemali okubangelwa kona kukunqaba kwemisebenzi. Ngokwengxelo zophando kufumaniseka ukuba obona bundlobongela buninzi benzeka kwiindawo ezihlala abantu abahluphekileyo.

6. Singenza njani ukuze ubundlobongela buthothe okanye buphele kweli xesha siphila kulo? Akukho mpendulo inye itsolileyo ikwaziyo ukuyisombulula le ngxaki kodwa akho amacebiso athile amana ukuvakala bunkentenkente angathi angaluncedo. Okokuqala, ukunqongophala kwamathuba emisebenzi kubonakala kungathi yeyona nto ibatyhafisayo abantu. Abaninzi bathi ukuba kungadaleka amathuba emisebenzi bungaphel' emehlweni ubundlobongela. Okwesibini, bakho abo bathi makususwe imiqobo umntu avunyelwe ukuba athengise ngamandla akhe nobuchule bakhe kuloo ndawo akholwe yiyo. Okwesithathu, ingathi kufuneka imiqathango engqingqwa malunga nokuthengiswa kobhelu lomsele neziyobisi. Ukuphathwa kwezixhobo eziyingozi phakathi koluntu jikelele kodwa ingakumbi kwiindawo ezinemidlalo namatheko kufuna ukujongwa ngeliso elibukhali.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Amaxesha Empucuko Sisingise phi na?' ngu M. Yekela, amaphepha 63-64, saza sahlelwa.]

Jonga kumhlathi 1

1.1 Kutheni kusithiwa umntu untlantlu-mbini apha kulo mhlathi? (2)

1.2 Nika intsingiselo yokuthethwa ligama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

1.3 Nika isithetha-ntonye segama elikrwelelwe umgca ze unike nesichasi salo. (2)

Jonga kumhlathi 2

1.4 Xela umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)

1.5 Sizathu sini esibangela ukuba kuthiwe kulo mhlathi umntu uyafana nesilwanyana. (2)

1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Ibinzana elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi (Liqhalo/Sisaci). (1)

1.7 Umntu nokuba sele elunge kangakanani na unalo isuntsu elimenza angahluki esilwanyaneni.

Ingaba uyavumelana okanye awuvumelani noku kubhaliweyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 3

1.8 Nika unobangela wokuba ubomi bomntu bubesesichengeni. (2)

1.9 Caphula ibinzana elithetha ukuba ubundlobongela buyothusa. (2)

1.10 Yakha isivakalisi usebenzise igama ‘liphakamile’ linike intsingiselo engeyiyo le ilapha kulo mhlathi. (2)

1.11 Chonga isivakalisi esibonisa iimpawu zobundlobongela obuqala ekhaya. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.12 Shwankathela okuqulethwe ngulo mhlathi. (2)

1.13 Cacisa ukuba libhekisa kubani igama 'abanye' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (1)

1.14 Nika iinjongo ezimbini zokusetyenziswa kwezenzi ezibhalwe ngqindilili kulo mhlathi ukuzoba imeko ekuthethwa ngayo. (4)

Jonga kumhlathi 5

1.15 Igama 'esona' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi liphuhlisa yiphi intsingiselo ngokomxholo walo mhlathi. (2)

1.16 Lisetyenziswe ngasiphi isizathu igama 'kucingeleka' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? (2)

1.17 Ingaba uyavumelana nokuthethwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 6

1.18 Nika esakho isisombululo sobundlobongela wongeze kwezi zinikwe kulo mhlathi. (2)

Jonga kwisicatshulwa sonke

1.19 Yintoni injongo yokubhalwa kwesi sicatshulwa? (2)

1.20 Mfundiso ni efumaneka kwesi sicatshulwa? (2)

[40]

AMANQAKU ELI CANDELO: 40

ICANDELO B: UKUNIKA IIMBONO NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2: USHWANKATHELO

ISICATSHULWA B

Funda esi sicatshulwa silandelayo, ze usishwankathele unike izinto ezibalulekiyo xa ulungiselela iimviwo. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
- Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
- Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

PHUMELELA EMAGQABINI NGOKUZILUNGISELELA

Zininzi iingcebiso ngeengcebiso malunga nokulungiselela iimviwo. Phakathi kwezinto ezibalulekileyo kukuba xa ulungiselela uviwo ukhethe indawo nexesha elikufaneleyo. Indawo yokufundela kufuneka icoceke, ibe yindawo ekuthe cwaka kuyo enganaziphazamisi. Unokuyihombisa ukuba uthanda njalo ngemifanekiso ehambelana nokufundayo.

Ixesha lokufunda nalo libalulekile kwaye lixhomekeka kumntu nomntu. Abanye abantu basebenza ngcono ekuseni okanye kusasa kanti abanye bafunda ebusuku. Nakuba kunjalo, kubalulekile ukuba ubani angafundi de kube sebusuku kakhulu kuba oko kukhokelela ekubeni udinwe de ungabi nakufunda nto iyiyo.

Ukufunda mihla yonke kungundoqo. Oku kunceda ukuba ingqondo yakho ihlale icamngca iqiqisisa oko ukufundileyo lonke ixesha. Kunceda ukuthintela uxinzelelo lokufunda ngemizuzu yokugqibela. Xa ngaba akunaxesha laneleyo lokufunda imihla yonke, zama ukunciphisa izinto ezikuxakekisisleyo nezitya ixesha lakho.Umzekelo, ixesha lokubukela umabonakude, nelokusebenzisa izixhobo zonxibelelwano ezinjengoowhatsapp. Kanti nokuba uthanda imithambo nezemidlalo kuyanyanzeleka ucuthe ixesha olichitha kwezo zinto.

Zama ukukhangela eyona ndlela yokufunda ikulungelayo. Kukho ukukhetha ukufunda ngokumamela, nangokuxoxa oko kufundwayo nabanye abantu. Kanti wumbi umntu ukholwa kukufunda ngokusebenzisa imizobo, imikrwelo emele iingcinga nolwazi oluthile.

Ukumana uhlaziya oko ukufundileyo ngokuzivavanya kulungile. Ungacela umhlobo okanye umntu wakokwenu amane ekubuza imibuzo koko ukufundileyo. Unokusebenzisa namaphepha eemviwo neemvavanyo ezikhe zabhalwa nangabanye abantu kwisifundo eso.

Zinike amathuba okuphumla, ngokumana uthatha ikhefu ngakumbi xa uziva udiniwe okanye uxinzelelekile. Xa uthatha ikhefu qiniseka ukuba uyaphakama usuke kwindawo

yakho yokufundela. Ungakhe wenze nomthambo, nokuba ujikelelza phandle unkcunkca. Oku kungakunceda ukuba oko ubukufunde uzibhaqe sowukuqonda ngcono.

Hlala ugcine umoya wokuzikhuthaza maxa onke. Xa uziva udangala cinga ngezizathu zakho zokusebenza nzima, neenjongo zakho ebomini. Oku kungakuncedisa ukuba ukhumbule izinto eziyimigomo ojonge kuyo ngemfundo.

[Sithatyathwe kwiwebhusayithi i-www.studytips-youth central, salungiselelwa uviwo] **[15]**

AMANQAKU ELI CANDELO: 15

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: OKUBONWAYO

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Qwalasela esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithatyathwe kwi-thecounciltea.health.za, yaza yalungiselelwa uviwo]

3.1.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.1.2 Nika isivakalisi esisisilogani sale mveliso. (2)

3.1.3 Ululuphi udidi lwesafobe lo mbuzo 'Uza kuphunga eyiphi iti ngokuhlwa?' (1)

3.1.4 Yintoni injongo yokuphinda-phindwa kwegama 'Bona' kwesi sibhengezo? (2)

3.1.5 Kunafuthe lini ukusetyenziswa kwale mifanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.1.6 Nika izinto eziyinzuzo yokusebenzisa le ti emntwini ngokwakwesi sibhengezo. (2)

3.1.7 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwisininzi:

Bona ukubengezela okufumana ngokusela iti. (3)

3.1.8 Nika izinto ezimbini ezibaluleke ngayo izibhengezo-ntengiso. (2)

3.1.9 Ungabalumkisa ngelithini abantu malunga nezibhengezo-ntengiso? (2)

3.1.10 Xela ukuba sisetyenziswe njani isikhombi kwesi sivakalisi silandelayo:

Ukubengezela okufumana ngokusela **le** ti inencasa. (1)

3.1.11 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha eladlulayo:

Uphunga iti ngokuhlwa. (2)
[20]

3.2 **IKHATHUNI**

Qwalasela le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithatyathwe kwi@Jonathan Shapiro sowetancartoons.net, yalungiselelwa uviwo]

3.2.1 Chaza inkangeleko yobuso bomntu- A neyomntu-B, uze uxele ukuba zibonisa ziphi iimvakalelo. (4)

3.2.2 Kutheni umntu A enziwe wamkhulu? (2)

3.2.3 Umele eliphi iqela labantu umntu B? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

3.2.4 Chaza ukuba silumelo lwantoni isixhobo esiphethwe ngumntu C. (2)

3.2.5 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso yomntu C? (2)

3.2.6 Phendula umbuzo obhalwe emzimbeni womntu B malunga noku kuqhubeka kule khathuni. (2)

3.2.7 Zisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni ezi zifanekisozwi zilandelayo. Nku! ,Tyam! (2)

3.2.8 Nika intsingiselo yesenzi 'bankulwa' nenjongo yokusetyenziswa kwaso kule khathuni. (2)

3.2.9 Nguwuphi umxholo oqulethwe yile khathuni? (2)

[20]

AMANQAKU ELI CANDELO: 40

ICANDELO D

UMBUZO 4: UNCWADI – ISIHLOBE

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMNGCATSHI – W. Shasha

1. Liciko necedu-cedu,
2. Umf' onesidima nesithozela,
3. Kodw’ usebenzel' utshaba!

4. Abantu bayamthanda,
5. Kub' uyise wayelikhalipha,
6. Notshaba luyamthanda,
7. Kuba lungena ngay' ebantwini,
8. Mhle macala, thandwa macala!

9. Uth' aph' athethe khona,
10. Atsho kungamil' ingca!
11. Iimbongi zimphuthume
12. **Zimthuthe** kuhlwabiyeke!

13. Xa esahleli nabantu
14. Utyityimbisel' umnw' utshaba,
15. 'Maluyiqond' intw' eluyenzayo
16. **Sidiwe ngamaqhinga!”**
17. Kodw' abuy' achwechwe
18. Aye kwamkel' umvuzo wakhe!

19. Abantu 'bayamthanda'
20. Uthando noloyiko nentlonipho **zingumvubo**,
21. Zifana <u>nechitywa elixutywe nengxwala</u>
22. Kodw' azibonakali zon' ukub' elingakanani!
23. Kuba kaloku zixutyelwe ngaphakathi,
24. Yay' **enye** le isith’ **enye** ngesithunzi
25. Mhle ugqibelele ngesithomo nenkangeleko,
26. Notshaba lumkokosile ngezizath' eziselubala!

27. Imbinan' embhaqileyo yotsh' amanqina macala,
28. Kubantu nakutshaba! Bhasop! Wenzakala!

4.1 Nika iimpawu ezine zomngcatshi ezifumakela kwisitanza soku-1. (4)

4.2 Yintoni iciko? (2)

4.3 Xela izizathu ezivezwe kwisitanza sesibini zokuthandwa komngcatshi. (2)

4.4 Nika isithetha-ntonye kunye nesichasi segama 'wayelikhalipha' kumqolo wesi-5. (2)

4.5 Thelekisa isitanza soku-1 nesesi-2 ngokwesakhiwo sangaphandle. (4)

4.6 Cacisa okuqulethwe ngumqolo wesi-8, uze uxele ukuba oko kutyhila ntoni ngalo mfo kuthethwa ngaye. (4)

4.7 Nika umongo wesitanza sesi-3. (2)

4.8 Lithetha ukuthini igama elibhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-3? (2)

4.9 Imbongi imveza umngcatshi njengomntu olibhedengu nenyoka kwisitanza sesi-4. Ngqina oku ngokwakumbongo (2)

4.10 Cacisa ukuba usisigqebelo njani umqolo we-16. (2)

4.11 Yintoni injongo yokuphinda-phindwa kwegama 'bayamthanda' kulo mbongo? (2)

4.12 Ntsingiselo ni eziswa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wama-20? (2)

4.13 Chaza ukuba yintoni ichitywa nengxwala ekuthethwa ngazo kumqolo wama-21. (2)

4.14 Xela ukuba igama u-nye libhekiselele kwizinto ezahlukileyo njani kumqolo wama-24. (2)

4.15 Zeziphi ezi zizathu ziselubala lumkokose ngenxa yazo utshaba lo mfo? (2)

4.16 Cacisa okuphuhliswa ngumqolo wama-27. (2)

4.17 Ingaba uyavumelana nembongi xa ithi lo mfo ngumngcatshi? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.18 Lenze msebenzi mni igama 'bhasop' kumqolo wama-28? (2)

4.19 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
[45]

AMANQAKU ELI CANDELO: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5: IZIBONGO

Phendula le mibuzo ilandelayo isekwe kulwazi lwezibongo

5.1 Xela izinto zibe ntathu ezibongwa ziimbongi zomthonyama. (3)

5.2 Nika umahluko phakathi kwesibongo nombongo. (4)

5.3 Nika iimpawu zibe ntathu zombongo obalisayo. (3)
[10]

AMANQAKU ELI CANDELO: 10
AMANQAKU ELI PHEPHA EWONKE: 150

NC(V)